

INTshona Koloni iWonga amaGqala eMidlalo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo limema amalungu ombutho emidlalo ukuba atyumbe amagqala emidlalo asekuhlaleni ukuze ahlonitshwe njengamaGqala eMidlalo ePhondo.

IiMbasa zamaGqala eMidlalo ziqhutywa kabini ngonyaka liSebe ukuhlonipha abo bathe badlala indima ekukhuliseni nasekuguquleni imidlalo eNtshona Koloni. Ukhetho lusekwe phantsi kwezi zikhokelo zilandelayo:

1. Abatyunjwa kufuneka babe neminyaka engama55 ubudala.
2. Abantu abathe banegalelo ekuqhubeleni phambili ulingano, uqukano okanye iyantlukwano kwezemidlalo nakwezolonwabo.
3. Abantu abaye banegalelo elibalulekileyo kwezemidlalo nakwezolonwabo, kubandakanywa:
 - Iimbaleki eziye zabeka iirekhodi, zaphumelela izigaba zembali okanye zamela ilizwe lazo kwimisitho yehlabathi.
 - Abaqeqeshi okanye abacebisi abaye baphuhlisa iindlela ezintsha okanye eziye zatshintsha indlela ekudlalwa ngayo imidlalo yabo.
 - Abalawuli abaye benza iinguqu eziphucula imibutho, ezandise intathoxaxheba, eziphucule iziseko zophuhliso kunye nokufikelela kwezemidlalo.
4. Abantu abenze igalelo elibalulekileyo kwimidlalo yabakhubazekileyo, ukukhuthazwa kwabasetyhini kunye nezinye iinkalo zemidlalo nezolonwabo.
5. Abantu abathathwa njengabadlali bemidlalo kwiindawo abahlala kuzo, kubandakanywa:
 - Abalawuli, iimbaleki, abaqeqeshi okanye abacebisi okanye abantu abakhe iinqubo okanye amaphulo okuphucula uluntu oluhlelekileyo okanye olungahoyekanga.
 - Abatyunjwa abaziwa ngamaphulo abo okuphuhlisa uluntu, ngemisebenzi yokuzinikela okanye ngegalelo elineenjongo zokunceda ngesisa ngapha kwenqanaba labo lokhuphiswano kwezemidlalo kunye nakwezolonwabo.
6. Abantu abazinikeleyo besenza igalelo kwezemidlalo kunye nakwezolonwabo.

- Abo baye baqhubeka nokufaka isandla kwezemidlalo, nasemva kokuthatha umhlalaphantsi, ngokucebisa, ukuqeqesha nokulawula.
- Abantu abaye bahlangabezana noloyiso nokoyiswa ngesidima, bemmisela umzekelo omhle kwizizukulwana eziselula.

Utyumbo lisenokwenziwa ngokungenisa ifomu yokutyumba ezaliswe ngokupheleleyo, efumaneka kwi-intanethi: <https://www.westerncape.gov.za/cas/sport-legends>

Umhla wokuvala kotyumbo: **29 kweyeNkanga 2024**

Lo msitho ucwangciselwe ama**28 kweyoMdumba 2025**.

Ngayo nayiphi na imibuzo, nceda uqhagamshela:

- uNksz. Lindeka Rwali: 021 483 9762 / Lindeka.Rwali@westerncape.gov.za
- uNkz. Alison Leo: 021 483 9538 / Alison.Leo@westerncape.gov.za